



Welcome!

Nalibali means "Here's the story" in isiXhosa. It is also the name of a new national reading-for-enjoyment initiative that gets all of us in South Africa – young and old – passionate about telling and reading stories in all our languages.

We invite you to join us in each Nalibali supplement as we have loads of fun and interesting times with stories together. Each week, you will find stories to share with the children in your life and tips and information about how to do this. At least one story will be a specially produced children's story in English and isiXhosa for you to fold, cut and make into a mini-book! Then there are puzzles, activity ideas, poems, riddles, competitions and much more to explore.

We'd also like you to share the exciting things that you and other South Africans are doing with stories and books by writing to Nalibali at PO Box 1654, Saxonwold 2132 or sending an email to info@nalibali.org

So watch out for the next Nalibali supplement and join us on a story adventure! It starts with a story...



Meet ... Neo, Gogo, Afrika, Bella and Mbali.
Dibana ... noNeo, uGogo, u-Afrika, uBella noMbali.

If you aren't going to use this supplement, please give it to someone who will! Deliver it to a school, community centre, library or someone you know.

Stop!

Win a mini-library worth R25 000!

We have five mini-libraries to give away to help start or grow your reading club or school's book collection. Find out more in your next Nalibali reading-for-enjoyment supplement.

Wina ilayibhrari encinane exabisa ama-R25 000!

Siphisa ngeelayibhrari ezincinane ezintlanu ukuze sancede siqalise okanye sikhulise iklabhu yakho yokufunda okanye iincwadi zesikolo. Fumana iinkcukacha kwihlelo elilandelayo lokufundela ulonwabo elithi Nalibali.

Nalibali is a national reading-for-enjoyment initiative to get people in South Africa – children and adults – passionate about telling and reading stories. For more information, visit www.nalibali.org

I Nalibali linyathelo lelizwe lokufundela ulonwabo lokwenza abantu eMzantsi Afrika – abantwana nabantu abadala – bakuthakazelele ukubalisa nokufunda amabali. Ukuze ufumane inkcazelo ebanzi, ndwendwela ku www.nalibali.org

www.nalibali.org



Josh

Yima!

Ukuba awuyisayi kulusebenzisa olu shicilelo, nceda ulunike omnye umntu oya kulusebenzisa! Luse esikolweni, kwiziko, ilayibhrari, labahlali okanye umntu.

Wamkelekile!

Ingaba xa usiva kusithiwa "Nalibali" uziva ukhumbula ibali elonwabisayo eliza kubaliswa? Ikwaligama lenyathelo elitsha lelizwe lokufundela ulonwabo elenza ukuba sonke eMzantsi Afrika – abatsha nabadala – sibenomdla wokubalisa nokufunda amabali ngazo zonke iilwimi.

Siyakumema ubenathi kwihlelo ngalinye leNalibali njengoko sinexesha elininzi esilichitha sizonwabisa kunye ngamabali. Kwihlelo ngalinye uza kufumana amabali onokuwabalise abantwana abasebomini bakho kunye namacebo nenkcazelo yokuba ungakwenza njani oku. Ibali elinye liza kuba libali elikhethekileyo elilungiselelwe abantwana ngesiNgesi nangesiXhosa ukuze ulisonge, ulisike ze wenze iincwadana ezincinane ezimbini! Kukwakho namaqashiso, iimbono zemidlalo, imibongo, iintsomi, ukhuphiswano neminye imiba emininzi ongayiphononga kwihlelo ngalinye leveki.

Singathanda ukuba usibalisele ngezinto ezichulumancisayo ozenzayo wena nabanye abantu baseMzantsi Afrika ngamabali neencwadi ngokusibhalela kwa: Nalibali, PO Box 1654, Saxonwold 2132 okanye uthumele i-meyile ku-info@nalibali.org

Ngoko ke jonga ihlelo elilandelayo leNalibali usijoyine xa sihlola amabali! Konke kuqala ngebali...

Sparking children's potential through storytelling and reading
Ukuvuselela isakhono sabantwana ngokubabalise amabali nokubafundela




It starts with a story...

It all starts with a story!





When did you last share a story? Was it this morning, when you told a neighbour about what happened yesterday in the check-out queue at the supermarket? Was it yesterday, when your daughter brought home a history project about the first democratic election in South Africa and asked you what you did on that day? Was it last weekend, when you and your friends spent the afternoon talking about your memories of primary school? Was it yesterday evening, when you read to your son at bedtime? Yes, we share stories in lots of different ways all of the time. In fact, sharing stories is as natural to human beings as eating and sleeping!


It doesn't matter how old we are, we all use stories to explore our lives – past and present – and our possible futures. Other stories allow us to learn about the lives of our family and friends. Telling and reading stories provides a safe space to experience and make sense of the ups and downs of life.


Then there are those stories that transport us into the lives of people we've never known, who come from long ago and places far away. And there are those stories that carry us away to imaginary worlds where real life fades and fantasy takes over. We might all enjoy different stories but we all share and explore them for the same reason: they are just so satisfying!




So, sharing stories with your children is fun and powerful! And did you know that it has lots of other benefits too? Here are some of them:

-  Stories help your children develop their imagination and creativity.
-  Stories help your children to develop their language and thinking, especially when they hear or read them in their home languages.
-  Stories provide your children with examples of how people meet the challenges that face them.
-  It's never too early to start – 75% of what children will learn in their lifetime is learnt by the age of two! So, whether your baby is chewing on a board book or your toddler wants you to tell the same story over and over again, your children are gaining essential knowledge about language and stories that will also benefit them later as they learn to read.

 Even 15 minutes of reading with your children each day can expose them to 1 million written words in a year.

 Being told stories and being read to at home are the things most likely to help make your children successful learners at school.

 Children who have enjoyable storytelling and reading experiences at home are more likely to be motivated to read.



Konke kuqala ngebali!






Bekusasa nje, ngoku ubuxelela ummelwane wakho ngento ebisenzeka emgceni wokuphuma kubhazabhaza wevenkile? Bekuyizolo, ngokuya intombi yakho ibize neprojekthi yembali ethetha ngonyulo lokuqala lwedemokhrasi e-Mzantsi Afrika, ekubuza ukuba wenza ntoni ngolo suku? Bekukule mpelaveki iphelileyo, ngokuya wena nabahlobo bakho benichithe imvakwemini yonke nithetha ngeenkumbulo zenu zesikolo samabanga aphantsi? Bekuyizolo ngorhatya, ngoku ubufundela unyana wakho ibali ngexesha lokulala? Ewe, sibaliselana amabali ngeendlela ezininzi ezahlukeneyo ngalo lonke ixesha. Enyanisweni, ukubalisa amabali yinto eqhelekileyo ebantwini njengokutya nokulala!

Akukhathaliseki nokuba sibadala kangakanani na, sonke sisebenzisa amabali ukuchaza ubomi bethu – bexesha elidlulileyo nobangoku – ndawonye namaxesha azayo. Amanye amabali enza ukuba sifunde ngobomi beentsapho zethu nangabahlobo bethu. Ukubalisa nokufunda amabali kuhlala indlela yamava nokwazi ngcono ngamahlalanyuka obomi.

Kukwakho ke namanye amabali asiqhubela ebomini babantu esingazange sabazi, abakudala nabavela kwiindawo ezikude. Kukho lawo amabali asifudusela kwihlabathi leengcinga, apho bumkayo ubomi bokwenyani nalapho kulawula khona amaphupha aziingcinga kuphela. Sonke singonwabela amabali awohlukeneyo, kodwa sonke siwabalisa kwaye siwaphonononge ngesizathu esifanayo. Kambe ke ayonelisa!

Ngoko ke, ukubalisela abantwana bakho amabali kumnandi yaye kunamandla! Ubusazi ukuba oku kukwanenqwaba yezinye iinzuzo? Nazi ezinye zazo:

-  Amabali anceda abantwana bakho ekuphuhleni kweengcinga nobuchule bokuvelisa.
-  Amabali anceda abantwana bakho ekuphuhliseni iilwimi zabo nokucinga, ngakumbi xa beweva okanye bewafunda ngeelwimi zabo zasekhaya.

-  Amabali anika abantwana bakho imizekelo yendlela abantu abaqubisana ngayo neengxaki abajongene nazo.
-  Akukho minyaka mincinane yokuqalisa – ama-75% ezinto abantwana abaya kuzifunda ebomini babo bazifunda beneminyaka emibini ubudala! Ngako oko, noba usana lwakho luhlafuna incwadi okanye imveku ifuna uphinda-phinde ibali elinye kaninzi, abantwana bakho bafumana ulwazi oluyimfuneko ngolwimi nangamabali ayakuthi abeyinzuzo kubo xa befunda ukufunda.
-  Nkqu nemizuzu eli-15 yokufunda nabantwana bakho kusuku ngalunye ibavezela amagama abhaliweyo asisigidi esi-1 ngonyaka.
-  Ukubaliselwa amabali nokufundelwa ekhaya zizinto ezingahle zinceedabantwana bakho babengabafundi abanempumelelo esikolweni.
-  Abantwana abanamava okubaliselwa nokufunda okonwabisoyo basethubeni elininzi lokuba bangakukhuthalela ukufunda.

Create your own mini-book

1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
2. Fold it in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again.
4. Cut along the red dotted lines.

Zenzele eyakho incwadana encinane

1. Thabatha amaphepha ama-3 ukuya kwisi-6 kweli hlelo.
2. Wasonge esiphakathini kumgca wamachaphaza amnyama.
3. Phinda uwasonge esiphakathini kwakhona.
4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.



Get story active!

After you and your children have read *Books are friends*, try out some of these ideas.

If you have 10 minutes...

- ★ Look closely at the pictures in the story. Can your children find and name the animals in the pictures?
- ★ Help your older children to find the letters from their names in the pictures.

If you have 30 minutes...

- ★ Let your children draw a picture of their favourite story characters. Let them tell you about their pictures.
- ★ Let your children look through the newspaper to find the letters of their names, cut them out and paste them on a sheet of paper. Ask them to draw a picture of themselves reading a book next to their name. Encourage them to tell you what the book is about.

If you have 1 hour...

- ★ Visit a bookshop or library with your children. Spend time browsing through the books in the children's section together. Let your children choose the books they want to and help them to read them, if they ask you to. Or, read some children's books yourself – this will help you become familiar with what children's books are available so that later on you can help your children decide which books to buy or borrow.

For more story activities go to: www.nalibali.org
Ukuze ufumane iinkcukacha zamanye amabali, yiya ku: www.nalibali.org



Yenza ibali linike umdla!

Emva kokuba wena nabantwana bakho nifunde incwadi ethi *Iincwadi zingabahlobo*, zama eminye yale mibono.

Ukuba unemizuzu eli-10...

- ★ Qwalasela nzulu kwimifanekiso esebalini. Abantwana bakho bangakwazi ukukhangela kwaye bazibize ngamagama ezi zilwanyana zisemifanekisweni?
- ★ Nceda abantwana bakho abadala bakhangele ii-alfabhethi zamagama wabo emifanekisweni.

Ukuba unemizuzu engama-30...

- ★ Cela abantwana bakho bazobe umfanekiso wabadlali bebali ababathandayo. Yithi bakuxelele ngemifanekiso yabo.
- ★ Cela abantwana bakho bajonge kwiphephandaba ii-alfabhethi zamagama abo, bazisike bazincamathelise ephepheni. Yithi mabazobe imifanekiso yabo ebabonisa befunda incwadi ecaleni kwamagama abo.

Ukuba uneyure e-1...

- ★ Ndwendwela ivenkile yeencwadi okanye ilayibrari nabantwana bakho. Chithani ixesha ninonke nijonga-jonga iincwadi kwicandelo labantwana. Abantwana mabakhethe iincwadi abazifunayo kwaye ubancede bazifunde, ukuba bakucela wenze njalo. Okanye funda ezinye iincwadi zabantwana ngokwakho – loo nto iyakukunceda uziqhelanise neencwadi zabantwana ezikhoyo ukwenzela ukuba kwithuba elizayo ukwazi ukumnceda umntwana wakho enze isigqibo sokuba yeyiphina incwadi amakayithenge okanye ayiboleke.



Illustration by Alzette Prins
Imifanekiso ngu-Alzette Prins

What do you see?

1. How many people are reading?
2. How many books can you find?
3. What are most people reading?
4. Who is reading something different? What is it?
5. In the speech bubble, write what you think the girl is saying.

Can you guess the answer to these riddles?

1. What has so much to tell you but cannot speak?
2. What gets wetter and wetter the more it dries?
3. What goes up and down the stairs without moving?

Ubona ntoni?

1. Bangaphi abantu abafundayo?
2. Zingaphi iincwadi ongazifumana?
3. Yintoni abayifundayo abantu abaninzi?
4. Ngubani ofunda into eyahlukileyo? Yintoni leyo?
5. Kwiqampu lentetho, bhala into ocinga ukuba ithethwa yintombazana.

Ungathelekelela impendulo kula maqashiso?

1. Yintoni enento eninzi yokuthetha kodwa ayikwazi ukuthetha?
2. Yintoni ebamanzi ngokuya isoma?
3. Yintoni ehla isenyuka izitepisi kodwa ingashukumi?

Answers: Picture: 1. 6; 2. 11; 3. Books; 4. Person in blue pants is reading a newspaper. Riddles: 1. A towel; 2. A carpet; 3. A towel; 4. Umntu onxibe ibhulukhwe ebhlowu ufunda iphephandaba. Amqashiso: 1. Incwadi; 2. Itowel; 3. Itowel; 4. Impendulo: Umfanekiso: 1. 6; 2. 11; 3. Iincwadi; 4. Umntu onxibe ibhulukhwe ebhlowu ufunda iphephandaba.

Story corner

Here is the first part of a story by Donvé Lee for you to read aloud or tell.

Sefudi's Sadness


Sefudi likes to wonder about things, and before the Sadness came to settle in his heart, he liked to draw. He didn't have paper and pencils but he drew with sticks and reeds and pieces of coal. He drew on his hands. He drew on his legs. He drew on the stones outside. He even drew on the walls of his house when his father wasn't looking.



Before the Sadness came, there were many days that Sefudi's mother was so sick that she couldn't get out of bed. Every day the sickness stole more of the colour from her face and more of the flesh from her bones and more of the life out of her body. Until one day Sefudi heard the saddest voice that ever-there-was. It was a voice made strange by the sadness, but it was the voice of his father. The voice said, "Your beloved mother has gone."

After that the sunshine went out of Sefudi's heart and the sounds of laughter went out of his house and he didn't want to draw. Ever again. The ache in his heart was MUCH bigger than the ache in his tummy when he had not eaten for the whole day. His heartache was so big that it took three years before the river of tears started spilling out of him.

Illustrations by Donvé Lee
Imifanekiso ngu-Donvé Lee



On that day Sefudi was lying in his bed staring out the window. A big silvery moon was rising in the sky and a blanket of night was spreading over the world around him. He was feeling sleepy and he was wondering about something strange that a silly boy at school had said. This boy, who always thought he knew everything, had said, "Whoever fetches and carries wood on a Sunday will be sent to live on the moon forever".

Sefudi wondered if people could really live on the moon. He was always wondering about things and he wondered about this for a long time until he fell asleep. While he slept he had a dream. In his dream he saw a lady on the moon carrying a bundle of wood on her head. In his dream he called out "LADY ON THE MOON, LADY ON THE MOON, IS MY MOTHER THERE WITH YOU? IF SHE IS, PLEASE SEND HER BACK TO ME."

Find out next week whether Sefudi will ever want to draw again.

Ithuba lokubalisa

Nali icandelo lokuqala leballi lika Donvé Lee elilungiselelwe ukuba ulifundele phezulu okanye ulibalise

Iintsizi zika-Sefudi

USefudi uyathanda ukuthabatheka zizinto. Phambi kokuba iiNtsizi zimfikele, wayethanda ukuzoba. Wayengenalo iphepha neepensile zokuzoba, wayesebenzisa izinti, iingcongolo kunye nomsizi wamalahlle ukuzoba. Wayezizoba izandla, azizobe imilenze, azobe nakumatye ayengaphandle kwikhaya lakhe. Wayede azobe nasezindongeni zendlu yakokwabo akuba kude neliso likatata wakhe.

Phambi kokuba zimfikele iiNtsizi, umama wakhe uSefudi kwakusele kulithuba egula kangangokuba wayengasakwazi nokuphakama emandlalweni wakhe.

Njengokuba iintsuku zazisiya zihamba, nempilo yakhe yayisiba nkene-nkene ngokuba nkene-nkene. Isigulo sakhe sasiyixhwitha inyama emathanjeni akhe, nobomi emzimbeni wakhe. Kwathi ngenye imini ehleli uSefudi, weva elona lizwi lakha lalusizi. Yayilizwi elavakala lingaqhelekanga, phofu lisenziwa lusizi, yayilizwi likatata wakhe. Lavakala elo lizwi lisithi, "Umama wakho oyintandane usishiyile."

Emva koko, latshona emini ilanga kuSefudi, ukhleka nolonwabo zaphela ekhayeni lakhe, waphelwa ngumdla wokuzoba. Waphela nya. Intlungu entliziyweni yakhe yayinzima kunentlungu awayeyiva esiswini sakhe xa wayethe akafumana kutya imini yonke.

Intlungu entliziyweni yakhe yayinzima kangangokuba kwamthatha iminyaka emithathu yonke phambi kokuba umlambo weenyembezi uqale ukuphuphuma emehlweni akhe.

Ngayo le mini uSefudi wayengqengqile emandlalweni wakhe, ejonge nzo phandle ngefestile. Esibhaka-bhakeni kwakuvela inyanga enkulu ebusilivere, ingubo yobusuku yayisele iqala ukugubungela konke okumngqongileyo. Ubuthongo babusithi sebe-sebe ngexesha ecinga into ebithethwe yenye inkwenkwana esikolweni. Le nkwenkwana, nebisoloko izicingela njengeyona ihlakaniphileyo apho esikolweni yaye yathi kuye, "Umntu othi aye kutheza ngeCawe uya kuhlala enyangeni, umphelo."

USefudi wakhe wayicingisisa le nto, 'Ingaba kuyinene ukuba abantu bangahlala enyangeni? Wayethanda ukuthabatheka zizinto, azicingisisa nzulu. Wayicingisisa nale into, de wabiwa bubuthongo, walala. Uthe elele njalo, waphupha. Ephupheni lakhe umama othwele inyanda yeenkuni. Ephupheni lakhe ukhwaze wathi, "MAMA OSENYANGENI, MAMA OSENYANGENI, INGABA NOWAM UMAMA ULAPHO KUNYE NAWA NA? UKUBA ULAPHO, NCEDA UMBUYISELE KUM."

Fumana impendulo kule veiki izayo yokuba ingaba uSefudi Uya kuze aphinde afune ukuzoba na.

In your next Nal'ibali supplement:

- Tips on how to read with your children
- Find out what a reading club is
- Mini-book, *It's time!*
- The final part of the story, *Sefudi's Sadness*
- Enter our mini-library and online competitions.

Can't wait until next week for more reading and story tips, tools and inspirational ideas? Visit www.nalibali.org or find us on Facebook: www.facebook.com/nalibali

Find us on Twitter: @nalibali
Sifumane kuTwitter: @nalibali

Kwihlelo elilandelayo leNal'ibali:

- Amacebo ngendlela yokufunda nabantwana bakho
- Fumanisa ukuba yintoni na iklabhu yokufunda
- Incwadana encinane ethi, *Lixesha!*
- Ihlelo lokugqibela leballi, *Iintsizi zika-Sefudi*
- Ngenela umncintiswano wethu welayibhrari encane kanye nomncintiswano kwi-inthanethi.

Uyingxamele ngeyona ndlela iveki ezayo ukuze ufumane amanye amacebo okufunda nawamabali kunye neembono ezichulumancisayo? Ndwendwela e www.nalibali.org okanye sifumane kwi-Facebook: www.facebook.com/nalibali

Books are friends Iincwadi zingabahlobo




Story by Carole Bloch

Illustrations by Alzette Prins



Ibali ngu-Carole Bloch

Imifanekiso ngu-Alzette Prins



We publish what we like

Read the original story, *Books are friends*, published by Jacana Media and available in bookstores and on-line from www.jacana.co.za. This story is also available in isiZulu, isiXhosa, Afrikaans, Siswati, Sepedi, Sesotho, Setswana, Xitsonga, Tshivenda and isiNdebele.

Jacana publishes books for young readers in all eleven official South African languages. To find out more about Jacana titles go to www.jacana.co.za.

Funda ibali eliyintsusa elithi, *Iincwadi zingabahlobo*, elishicilelwe yi-Jacana Media kwaye elifumaneka ezivenkeleni zeencwadi nakwi on-line ku www.jacana.co.za. Eli bali likwafumaneka nangesiZulu, i-Afrikaans, IsiSwati, IsiPedi, IsiSuthu IsiTswana, IsiTsonga, IsiVenda nangesiNdebele.

I-Jacana ishicilela iincwadi zabafundi abaselula ngazo zonke iilwimi ezivunyiweyo ezilishumi elinanye zaseMzantsi Afrika. Ukuze ufumane iinkcukacha ezigcweleyo ngeetayitile ze-Jacana yiya ku www.jacana.co.za.

© Jacana Media (South African rights only) Tel: (011 628 3200)


Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment initiative to get people in South Africa – children and adults – passionate about telling and reading stories. For more information, visit www.nalibali.org.

I Nal'ibali linyathelo lelizwe lokufundela ulonwabo lokwenza abantu eMzantsi Afrika – abantwana nabantu abadala – bakuthakazelele ukubalisa nokufunda amabali. Ukuze ufumane inkcazelo ebanzi, ndwendwela ku www.nalibali.org.




It starts with a story...

Nothing beats a good storybook!
A storybook is a teacher, sharing ideas
and giving you information.



Ayikho into edlula incwadi yebali elimnandi!
Incwadi yebali ingutitshala owabelana
ngezimvo ekunika nolwazi.

A storybook is also a boat that sails you away
on adventures to strange places
to see wonderful sights.



Incwadi yebali ikwaliphenyane elikhambisayo
uhambo olukusa kwiindawo ezingaqhelekanga
ukuya kubona iindawo ezintle.

Most of all, a storybook is a friend.
With friends you smile and laugh, you
sigh and cry, you sing and shout. It's
the same with storybooks.

Ngaphezu kwako konke incwadi yebali
ingumhlobo. Xa unabahlobo uyancuma, uhleke,
uyakhumbula, ulile, uyacula ude ukhwaze.
Kunjalo ke nangeencwadi zamabali.



If you feel sad or lonely, tired or sick, a good
story, like a good friend, can help take your
mind off things.



Ukuba uziva ulusizi okanye ulilolo, udiniwe
okanye ugula, ibali elimnandi, njengomhlobo
wenene, lingakunceda lisuse ingqondo yakho
kwezo zinto.

Reading a story together can be lots of fun.

A story is also excellent company when you just want to be quietly alone.



Ukulifunda kunye ibali kunganonwabisa kakhulu. Ibali likwangumhlobo obagqwesa bonke xa ufuna ukuba wedwa uthe cwaka.



Sometimes, it can be hard to make new friends. If people look more **exciting** and clever than you, you might feel **NERVOUS** or shy. Keep trying or you will never know what they are really like.

Sometimes you should keep trying with stories too.



Ngamanye amaxesha, kuba nzima ukwenza abahlobo. Ukuba abantu babonakala ngathi **badlamkile** futhi bakhaphile kunawe, ungaziva **UXHALABILE** okanye uneentloni. Qhubeka uzame okanye awunakubazi ukuba bangabantu abanjani na kanye kanye. Ngamanye amaxesha kufuneka usoloko uzama nangokufunda amabali.

It may be that you have to grow into a book.
You can ask someone to help you read it or
you can read it when you're **Bigger**.



Kungenzeka kuthi kanti kufuneka ukhulele
encwadini. Ungacela omnye umntu akuncedise
uyifunde okanye ungayifunda xa sele
umkhudlwana.



But if you take care of them, books will live on and
be enjoyed by you, your friends and your family for a
long time. You will find out over and over again that
nothing beats a good story!



Kodwa ukuba uyazikhathalela, iincwadi ziza kuhlala
zikhona yaye ziza konwatyelwa ixesha elide nguwe,
nabahlobo bakho nosapho lwakho. Njalo uza
kufumanisa ukuba akukho nto idlula ibali elimnandi!